Ukufumana izisombululo zokuyiqonda ngcono ibacterial vaginosis zasekhaya

Ukuphononongа iintlobo zasekhaya ze*Gardnerella* kunokunceda abantu abaninzi bayisombulule ibacterial vaginosis kwithuba elide.

UHannah Livingstone ngumfundi we-MSc kwiYunivesithi yaseKapa, ujolise kwivaginal microbiota nebacterial vaginosis.

ORCID ID:

https://orcid.org/0000-0003-4804-7425

Abasetyhini kwiAfrika ekwi-sub-Sahara bachatshazelwa ngokungalinganiyo yibacterial vaginosis (BV). I-BV ayikaqondwa ngokupheleleyo, kodwa inokuchazwa njengokusuka kwiintlobo eziqhelekileyo, zeqela elisempilweni leebhakthiriya ezihlala kwimo engqonge ilungu lobufazi. Kunye nomngcipheko weziphumo ezibi zempilo onyukayo ofana nokubeleka phambi kwexesha nesifo sokukrala kwamarhorho, i-BV yonyusa umngcipheko wokosulelwa yi-HIV. Imeko le ineempawu zolwelo lwelungu lobufazi kunye nevumba elinuka intlanzi, elo kwabo banokuba nayo kunokukhokelela ekubeni bangazithembi okanye babe neentloni zokufuna unyango.

“Uphando lukhombise ukuba abantu abaninzi ababa ne-BV bayasilela ukufikelela kunyango lwexesha elide, ngesiqingatha sabo sibona ivela kwakhona imeko ngonyaka nje,” utshilo uHannah Livingstone.

Awuqondwa ngokupheleleyo unobangela we-BV, kodwa iqela leebhakthiriya laziwa ngokudlala indima engundoqo nge*Gardnerella* vaginalis iyenye yezo bhakthiriya.

“Uphando lwam lujolise ekuyileni ingqokelela yeentlobo ze*Gardnerella* ezivela kwabasetyhini baseMzantsi Afrika kunye nokuphanda ukuba zohluke njani kwiintlobo zamazwe ngamazwe.”



*Ukuthelekisa iintlobo zasekhaya ze*Gardnerella *vaginalis neentlobo zamazwe ngamazwe kunokunceda ukufumana unyango lwebacterial vaginosis.*

Ukuqonda ukuba zinokohlukana njani ezi ntlobo kwiintlobo zamazwe ngamazwe kunye nokuba nengqokelela yeentlobo esele zilungele ukusetyenziswa ngabanye abaphandi kuza kunceda ekusenzeni ukuba siyiqonde ngcono i-BV, ukwehlisa iimpembelelo zayo ezimbi nangethemba lokunceda abantu abaninzi bafumane isisombululo se-BV kwixesha elide.

Presented in association with the Institute of Infectious Disease and Molecular Medicine, this programme forms part of #theArtofResearch, an initiative of research communication specialists Jive Media Africa.

ACTIVATING AFRICAN KNOWLEDGE
Jive Media Africa